| | | |
|---|---|---|
| 1.3 | Isihloko: | Okunokwenziwa lulutsha ukuhlangabezana nemiceli mngeni ebomini. |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |
| | Ukuba semxholweni | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Ukuzibandakanya kwizinto ezahlukeneyo ezifana nemidlalo/ iindawo eziphuhlisa iitalente zabo/iinkonzo nezinye/ukuya esikolweni.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka]. **[50]** |

| | | |
|---|---|---|
| 1.4 | Isihloko: | Ukunqongophala kwezakhono kunegalelo ekunqabeni kwemisebenzi. |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |
| | Ukuba semxholweni | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Iindidi zezakhono neendlela ezahlukeneyo ezithi ziphuhlise ngayo izakhono kwiinkalo ezahlukeneyo zobomi/ukuba abantu abaninzi babe nesakhono esifanayo esininzi nesithi singadingeki.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka]. **[50]** |

| | | |
|---|---|---|
| 1.5 | Isihloko: | Ukuthathela umthetho ezandleni zakho. |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |
| | Ukuba semxholweni | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Isigqibo sokuthathela umthetho ezandleni kwabantu luyolo lomzuzwana kuba ufuna ukuzenelisa/ukruqukile/unomsindo/ unenzondo/ucinga ukuba amapolisa akawenzi umsebenzi wawo/ungelogwala.<br><br>Iziphumo ezikrakra zokuthathela umthetho ezandleni zakho ezinjengokubanjwa uvalelwe/ugwetywe/ukulahlekelwa kuko konke obunako/ukwenza impazamo/ukumkrokrela umntu ungenabungqina baneleyo ngesityholo ombeka sona/isazela okanye umvandedwa emva kwesenzo sokuziphindezela.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka]. **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.6 | Isihloko: | Salinda, salinda kanti sizilibazisile ngalo lonke elo xesha. | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Ukuba semxholweni | **Umvwiwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Ukulinda ithuba elide unethemba lento kanti uthembe into engekhoyo/basenokubhala ngokulinda beye kufuna indawo kwiziko lemfundo/umsebenzi/ibhasari okanye inkonzo ethile kanti sele bekufumene oko/konakele oomatshini.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka]. | **[50]** |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 1.7 | 1.7.1 | Isihloko: | Jonga lo mfanekiso uze ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho. | |
| | | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo | |
| | | Ukuba semxholweni | **Umvwiwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo. Intlanganiso yoosomashishini bezakhiwo/ikhondo lobunjineli kwezokwakha/kwizimbiwa/kwimigodi.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka]. | **[50]** |
| | 1.7.2 | Isihloko: | Jonga lo mfanekiso uze ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho. | |
| | | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | | Ukuba semxholweni | **Umvwiwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo**.<br><br>Ukufika koncedo ngexesha elifanelekileyo luthoba izibilini nokufumana ukuhlangulwa usengxakini/kwiimpuphuma.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka]. | **[50]** |

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

## UMBUZO 2

### Imiyalelo yokumakisha

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye. Ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala.
- Ubude bomhlathi omde: 80–100 amagama
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo B ukumakisha lo mhlathi.

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kwiRejistra ekwiziko lemfundo ephakamileyo wenze isicelo sendawo yokufunda kunyaka olandelayo.

- Iidilesi zimbini, eyokuqala yeyalo mntu ubhalayo inomhla. Eyesibini kulapho ubhalela khona, uqala ubhale iwonga/isikhundla seRejistra.
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace.
- Ithoni nerejista mazibonakalise intlonipho kwiRejistra.
- Isibuliso masihloniphe iRejistra.
- Isakhiwo somyalezo masibonakalise ukucela indawo yokufunda.
- Umxholo mawube ngowokucela indawo yokufunda.
- Kwisiphelo kubhalwa igama, ifani nesignitsha/intsayino-gama.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo. **[30]**

2.2 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari ocelwe ukuba uyenze ngabamelwane bakho abaswelekelwe ngumakhulu wabo.

- Igama elipheleleyo lomntu oswelekileyo.
- Umhla wokuzalwa, indawo azalelwe kuyo nabazali bakhe.
- Ukukhula kwakhe, ukufunda nokusebenza.
- Ukugula kwakhe.
- Umhla wokusweleka.
- Usapho alushiya ngasemva.
- Amazwi amkhaphayo aquka neziduko. **[30]**

2.3 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba ngesikolo sakho esisoloko siphuma phambili kwiphondo lakho uchaze iimfihlelo zale mpumelelo.

- Makanike isihloko esicacileyo nesivakalayo.
- Makaqale ngokona kubaluleke kakhulu: umzekelo, imo yenqaku, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni kangakanani.
- Makagqithise umyalezo wakhe uvakale kulowo ubhalelwayo.
- Makashwankathele ngokucacileyo engayigqwethi into eyinyaniso. **[30]**

## 2.4 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo yababini ephakathi kwakho nomhlobo wakho ophumelele emagqabini kwizifundo zobunjineli malunga namacebiso okuphumelela kwizifundo.

- Inkcazelo engomba wengxoxo ephambili.
- Intshayelelo, ebonisa indawo nenjongo yengxoxo.
- Izithethi mazinikwe amagama.
- Irejista oyisebenzisayo yeyobuhlobo.
- Mabaxoxiswe ngendlela ebonisa umdla macala.
- Ingxoxo mayikhule iimpendulo zingabi ngoo 'ewe noohayi' kuphela.
- Ukuxoxela okuthile unika ubungqina obuxhasayo.
- Ukuxoxela okuthile uchasa unika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

## UMBUZO 3

### Imiyalelo yokumakisha

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye. Ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala.
- Ubude bomhlathi omfutshane ngama- 60–80 amagama.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo C ukumakisha lo mhlathi.

3.1 **IKHADI LESIMEMO**

Bhala ikhadi lesimemo, umeme abazali kumsitho wokuthi ndlela-ntle (*iValedictory)* kubafundi bebanga le-12.

- Imo yomnyhadala.
- Indawo eza kuqhubeka kuyo.
- Umhla nexesha.
- Sinokuquka nendlela yokunxiba.
- Igama lommemi.
- Inokuquka futhi iRSVP ekuxelela umntu omawuphendule kuye.
- Inemilo ebonakalayo yoyilo.
- Iinkcukacha zalowo makuphendulwe kuye. **[20]**

3.2 **IPOSIKHADI**

Bhalela udade wenu oseMelika iposikhadi umnqwenelele iholide emnandi kaDisemba.

- Indawo abhala ekuyo/idilesi nomhla wokubhala.
- Idilesi yomntu obhalelwayo mayibe kwicala lasekunene.
- Isibuliso esifanelekileyo.
- Ulwimi olungekho sikweni lwamkelekile.
- Umxholo ahlale kuwo.
- Isiphelo esifanelekileyo. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhala imiyalelo eza kuya kubantu abafuna ukungenela ukhuphiswano looBuhle/Nobuhle ekuhlaleni.

- Umyalelo mawucace gca, kusetyenziswe isiyaleli kakhulu.
- Izinto emazenziwe ngulo mntu onomdla wokungenela olu khuphiswano.
- Umntu ekubhaliswa kuye nendawo afumaneka kuyo mazixelwe.
- Ukuba kukho imali ekhutshwayo nayo mayixelwe.
- Izinto ezilindelekileyo ezinokwenziwa ngumntu mazicaciswe. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

